IMVO ZABANTSUNDU
(NATIVE OPINION).

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.] [LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, DECEMBER 2, 1885. [No. 57.

Ibhunga lesi Qingata

LASE

Irafu emisiweyo ye Bandla lokunceda ezifeni.

KUYAZISWA ukuba ngomiselo womteto ongokunceda ezifeni we 4, 1883, nowa 41, 1885, kugqitywe, kwintlanganiso ebimenyelwe oko yesiqingata sase Qonce ebingo 21 Oct., 1885, ukuba kubeko ezi rafu:—

1. Ngomteto we 4, 1883, kwiponti ngaoye yexabiso lobut.yebi bendoda obunjengezindlu, nomhlaba (umzilo wase Qonce aku. tetwa nto ngawo) lerafu iyakuqala nkubhatalwa kwi ofisi ye Bhunga ngo 1 January, 1886.

2. Ngomteto wa 41, 1885, irafu ye sheleni ezimbini ngendlu nganye yomntu ontsundu. Le rafu nayo yoqala ukuhlaulwa ngo 1 January 1886 kubapatiswa bakwa Rulumeni abamiselweyo.

Imali yale rafu yeyokubuyisela u Rulumeni imali awayicitayo mayelana nokupeliswa kwengqakaqa kwesi sitili.

Ngomyalelo
H. T. FULLER, Umbhali
Kwi Office ye Bhunga lesitili
E Qonce, 28 October 1885.

Iveki

INKOSI engu Massowu, epantsi kwa Mabhulu ngakwela Bahlambeli ese Transvaal ayivumi ukurafa. Umntu obemiselwe ukwamnkela irafu ongu Schwartz ubinziwe. U Massowu uti umhlaba ngowake yedwa akapantsi kwa Mabhulu selexolele ukulwa.

IRAMENTE na Mabandla abazili ase Rini azimanyile atumela izwi ku Rulumeni lokuvakalisa incaso yokuvulelwa kwe nkanti Pesheya kwe Nciba.

INGOZI ebuhlungu yehle e Riversdale. Unyana womfundisi u Rev. G. W. Anderson ominyaka isixenxe uwe ehasheni wexha ngesitibili, libaleke naye ihashe wada wafa.

UKUMKAXI wase Spain ubhubhili.

KUKO imfazwe pakati kwe Servians ne Bulgarians amelene ne Turkey kwela Mayorop.

ABASEBENZI bosikwikwi e Bayi abavumi ukusebenza. Badele imali. Idutyulwe ngedayimani indlu yamadoda amabini akuxoleleyo ukusebenza.

AMANGESI ase Dodoloro ayayikalimela ihambiso ka Rulumeni ngaku Batembu. Bekuko intlanganiso yokuvakalisa oko ngeveki epelileyo.

INKABI ezimbini ezintle zamahashe ekari zika Mr. Percy Hope wase Tekwini e Natal, zisuzelwe zinyosi zafa.

ZINE kanabom imvula e Natal.

ABAMMKELI be *Mvo* bacelwa ukuba bayitumele ngamapepa ase Posini imali yabo. Lixesha ihlaulwe yonke imali yepepa.

UMQUBI ka loliwe ongu Thompson uba- njwe e Bayi ngobusela bento eninzi yempahla yesitola sakwa Blaine and Co. Isetshiwe indlu yake ku funyenwe ubu- qeuqeuka obunjengezihlangu, izimuncu-muncu zase Mlungwini ezisuke zayimfumba egantolo. Lempahla uyitengise kwivenkilana ilandwe sicaka esidala sakwa Blaine and Co. ngokuyibona ifana neyakona.

KUKO inqwelo ezimbini eziwe kwa Nontongwana ngeziveki zigqitileyo. Abantu ababekwele kuzo benzakalekanobom, omnye umqubi wapuke imicondo.

I RULUNELI U Sir Hercules Robinson isakuke ihambele e Rini ngapambi kokuyakuvula umboniso e Bayi ngo 10 December.

AMANENE ayikomiti e Bayi ya Mangesi yokwamnkela imali yokuncedisa kwindleko ka Rev. J. D. Don kwelityala asandukupuma kulo ngo Rev. J. C. Mac-intosh, no Rev. Robt. Johnston, no Messrs. C. T. Jones, M.L.A., W. Hume, no Jas. Gordon.

KUVAKALA ukuba Impi ya Mampondo isanxanelwe i Rode. Kutiwa u Makaula uwangxamele.

U RULUMENI uti uyakuyinika £100 indoda emfumeneyo umntu odubule izindlu nge Dayimani e Bayi.

MAYIKAULEZISWE imali ye Mvo ngabasa yibambileyo. Abayilesa bengayihlaulelanga ngamasela afana nala egusha.

AMANENE amhlope anyulelwe ukwamnkela imali yendleko zika Mr. Don, e Rini, ngo Mr. J. Slater, B.A., Mr. J. Lowden, Mr. T. H. Grocott, no Dr. Great- head.

SITE nqa kukuba amanene antsundu atenina lento enge kashukumi mayelana nalo mcimbi, kuba u Mr. Don ufele tina.

NGALEVEKI igqitileyo kufunyenwe kwisidikidi sabantsundu e Alvani unifazi obegulu yingqakaqa, usiwe e hospital kwa oko, abo bebe naye bagcinwe nxamnye. Esi sifo siseko kwesositili sase Alvani.

U REV. J. MSIKINYA, we Primitive Methodists, ubekwe izandla ukuba abe ngumfundisi ozeleyo ngo 11 Nov. opelileyo. Ingxelo yalomsebenzi asikabi nandawo yayo okwanamhla. Ungumfundisi wokuqala ontsundu welo Bandla.

UMKOMBE oyi "Welcome" ungqubeke ematyeni kufupi necweba le'Nxuba ngaleveki igqitileyo. Ubusuka e Monti usinga e Bayi namabhali oboya amawaka mabini anamakulu mabini. Abantu basindile.

IMIKOSI ya Mangesi elwa neyenkosi u Theebaw, emele i India itabate inqaba ekutina yi Minhla ngo 19 November. Amangesi ngoku afunzele kumzi omkulu wase Burmah oyi Mandalay.

U BISHOP RYLE (Umtshatshi) wase Liverpool usandukushumayela etyalikeni ye Presbyterians e Pitlochry. Ihlelo lakowabo kukade limkalimela ngalento, kodwa akalipulapuli.

ULOLIWE uvulwe ngemicobo emikulu e Dayiman ngo Mgqibelo.

IMPI entsundu yase Kradock ibinentlanganiso egqibe kuyo ukutumela isicelo ku Rulumeni ukuba umteto wokuba utywala butengiswe Pesheya kwe Nciba maubuyiswe umva. Nantso indlela.

I RULUNELI ikangelwe ukuba ifike e Rini ngo Mgqibelo. lyakusinga e Bayi ngolwe Sibini.

ABANGA bangarola ukuncedisa kundleko Don bangazitumela Amagama ovakaliswa abanceda ngazo. Kwangokunjalo ngoncedo Iwe nkosikazi Noposi abhekiselele kulo u Mr. Andrew Gontshi kwelipepa. inkozwana zabo zika Rev. J. D. kule-ofisi yetu. kwakunye nento

Imvo zabantsundu

NGOLWESI-TATU, DEC. 2, 1885.

U MR. DE WET.

UMZI wakowetu ungeniselwe ixuxuzela elikulu yihambiso ka Rulumeni mayelana na Batembu abangeneno kwe Ndwe. Oku kubonakala kwintlanganiso ezinkulu ebezise Komani ngayo leveki igqitileyo, kuba u Mr. DE WET ebekona. Kube kuhlangene amawetu emizi yakwa Ndlovukazi, yase Hewu neya Batembu, ukuzakuva eyona nto ondele kuyo u Rulumeni empatweni yake yabantsundu Isuke wayinjabavu ngumsindo umfo ka DE WET akubona ukuba impi yase Batenjini nayo iko; wayindulula ngapandle kwamazwi amaninzi, ngalamazwi: —

Nonke ndikolwa nisifumene isaziso ku Mantyi wenu ukuba ndiyakuba se Lady Frere ngolwesi-Hlanu apo siyakuqubisana kona. Ndimangalisiwe ke ukubona into eninzi yenu ilapa namhla. Ndinga ndingamazi umntu onimemileyo. Nanko niyigqita imantyi yenu ninyongoba nisiza apa ngento encingayaziyo. Uko umntu onibizileyo. .

Andinaxesba namhla andisakuhlalela inteto ya Batembu—ngebengayishiyanga imantyi yabo. Indawo yenu yokuvakalisa iziroro zona kukumantyi. Andinanto nani ke mpindini ya Batembu. Kwabase Hewu ndingati sobuya sihlangane. Manditi ndingohleli ekulungele ukupulapula into abaguliswa zizo abantsundu.

Itsho ke yanyakaza into ka DE WET yaya kwintlanganiso ya Mabhulu. Lento ukuba tina midaka sinqwiliselwe ekubeni eyetu intlanganiso siyenze no Mantyi kupela ayingangasiko lase Mangesini, kuba umantyi usicaka sika Rulumeni engenakuba se ntlanganisweni ecase oko akuhambisayo u Rulumeni. Asiba yiyo lento kanye na eyabanga ukuba oka QUNTA abe kwinteto eninzi. Into yokuba abantu abamnyama bagxotelwe e Lady Frere ibonakala kuti njengokungati uyoyika u Mr. DE WET ukuyihambisa inteto yake e Komani apo kuko amapepa endaba kuba izenzo zake ezigwenxa ziyakuza ekukanyeni. Ufuna abantu eyekubanqoloba gama namakaya. Oku ngekungavunyelwa ngamapepa ase Mangesini. Ehlangene nempi yase Hewu ayibanga sateta nto kodwa igalele kwakulomcimbi wa Batembu. Ababangasateta ngezabo iziroro ukubonisa ukuba lento iwudubile umzi wakowetu. Bate botusiwe yoko kwenziweyo ku Batembu kuba kuteta ukuba kuyakwenziwa kubo ngomso. U Mr. DE WET wenzi imigudu yokubonisa ukuba akukonto benzakaliswe ngayo a Batembu. Akangede amenzakalise ontsundu. Ungumhlobo wabantsundu, nento eninzi yofoyiyafoco bolohlobo. Uba yena abantu abantsundu ngabantwana; akabazi sibona nje tina. Inteto yake okunene ibusi kodwa izenzo zake nentliziyo yake zirara ngakuti bantsundu. Tina asisakolwa zinto azitetayo ezimnandi. Simncame ngempato yake ka MABANDLA, ngempato yake ya Batembu; ngokungenisa kwake utywala Pesheya kwe Nciba. Unconyiwe siti oko ebengabovuyi ngaluto abantsundu, ute kodwa akushukuma konakala.

Siva ukuba u FOLOSI uwugqibile umsebenzi abetunyelwe wona e Batenjini. Makabe ke uzakuza e Ngqushwa. Wangamana angeze eza. Umzi Engqushwa wanele wonwabile, koba kungxanyelwe udushe nje ukuba u FOLOSI uyatunyelwa. Singa lento singayicasa ingekehli nje. Anga nawamangesi amapepa angasixasa. Amabula ase Ngqushwa awurwiqela amate umhlaba wabantsundu engeba namhla ukuba kwakungalamlanga abantsundu ngekwangena amalungu amabini anemvo zase Mabhulwini, anjengo Mr. HANS BEZUIDENHOUT no Mr. STEPHEN JOHNSON, kodwa abantsundu bangena pakati bafaka u Mr. J. ROSE-INNES labake liyasala i Bhulu: ukuba lalingene ngeyisuswa ngamandla impi entsundu. Siyatemba ukuba ayisakuvuma ukuyishiya imihlaba eyayiqiniselwe kuyo zi Ruluneli zanga pambili.

Impawana.

Kunzima Emasokeni Nonyaka. U Mr. P. H. Pottor Ngomgqibelo November 14, 1885, esaye e blakfesini ubelwe ityeya yemali ine £15 kubanjwe inkwenkwana eminyaka 12 kanti kubekute xa ku kutshwa abantu yazimela ngebali yaya kupumela esistoreni yemka kufe xa ifunwa yafunyanwa emfuleni se ine £4 enye iti iyi nike amanye amakwenkwe isela lisentolongweni. U Mr. S. D. Maqina itishala ite imkile yafika ngo November 17, 1885, ukutya kwayo kumkile konke. E Mpukane u Mr. Joel J. Madubela naye ute efika wafika ucango luqaqiwe kwebiwa Ibulukwe, ibatyi, ondrubatyi, ihempe ingubo ezimbini zokulala, ilamp, izikotile ezihlanu, umkala, ikama, izinto zokusula amahashe, ingubo zomninawe zonke zokulala. Ezitishala zombini ngamasoka. Kaloku akanakuhlala kufike usuku lokukululeka. Kunzima emasokeni.

**

Oko yati yavulwa indlu yendwendwe kulomzi lelinye inene elintsundu asikazanga saba natuba lokuvakalisa olwetu uluvo ngayo. Singa ke namhla singati lento yenziweyo intle; ngamana yema imi. Ukuma kwayo kupumle pezu komzi ontsundu kwapela. Akuko gwangqa loza like livele nangempumlo kulendlu yalomnumnzana ukuze lishiye neceba elinye, ukuze lomsebenzi nine. Amagwangqa ancedana odwa ngendlela zoluhlobo. Lowetu ke naye uyakuncedwa kwa siti. Akasokuncedakala kodwa xa siyakumenyanya, simngcikive, simeye, zesiti "Hai eletu igazi lodliwa mayi mhlope kunomnyama ! " Lonto qondwe.

***

Maugcine umzi. Siyakuncedana kwatina ukuze sibe ngabantu abanento zabo ezilungileyo. Lento sisezimbhabala Iwantunge kukuba ayikakanyi ezingqondweni zetu lenyaniso. Abanye bati soka silinde ke sibone ukuba uyakuma na. Imposiso nobutyakala obukulu, obunjengoku bopa inqwelo pambi kwamabashe, kuba ukuze eme makuzikataze kwatina.

Into tina esiyoyikayo kukuba into eninzi yamawetu iyakuti lomfana ligwaugqa. Igama lelomlungu, angebi nanonelelo likulu, kuba efana nabanye. Akukonto ibukeko njengokuba ontsundu aziwe ngegama elilelakowabo, kwinto enjenge Hotele lingenisa nemali ngobugama obo balo bodwa. Utini ke, Magna ?

*

Kwala ntonina ukuba intliziyo zamawetu zingabi mfaninye neyalomnumzana oti ukusibhalela? —

"Ukwandiswa kwe Mvo—Kwabamnandi ndakubona esisaziso kwinyanga ezigqitileyo sisongeza pezu kwe sitembise esabonakala kwelika December, 1884. Abantu bokuxasa amapepa ohlanga ngabafundisi no tishala. Kuba ngabona bantu silindele kubo ukunyusa uhlanga. Ukuba ubungayikukatazeka bendiyakuvuya ukuva inani labafundisi abantsundu no tishala abaxasa ipepa. Kodwa nangapambi kokuba ndive ndino sizi ukuti ezintetweni (ndingazazi izenzo) abonabantu batintela ukuxaswa kwamapepa ohlanga ngabafundisi (nonyana babo ngokukodwa) no tishala. Ndikulangazelela kakubi ukwandiswa kwe *Mvo* kuba ezinye indaba zide zibendala ngenxa yokusweleka kwendawo. Malandiswa ipepa nditsho mna. Nitinina nina mzi? Ndim RADU SIJADU."

* *
*

Ngati uyicanile umbhaleli wetu into etinteleyo. Lonto sesi sikonkwane so MONA ne KWELE ekukulekwe kuso ngu Dwebile lonke uhlanga oluntsundu. Bako kodwa abafundisi nonyana babo abangama kolwa amakulu kwi *Mvo.*

E Lusutu

[NGUMBHATELI ONGU MSUTU].

Morija, 26th November, 1885.

Asi kuko nokubasi danile xa siva kuti- wa ibuyele emva i Ruluneli besinovuyo ngokuhambela kwake kweli lakuti. Noko sinetemba ngokuhlangana kwake no Col. Clarke e Bloemfontein. Siyatemba ukuba ba xoxile, ngezase Lusutu.

Siya lincoina elipepa le *Mvo Zabantsu- ndu* ngokumana 11 salatisa futi ngoku hambisa kwabo bantu aba kungxameleyo ukutshabalala kwe zizwe zabantsundu. Siteta malunga nala inandz'amlilo siwabonayo ukuba baye bawa vulela bawa ncenceshela kwe lase Batenjini. Lutshaba kanye ababantu, i Ruluneli mayiba pose elwandleni abo bantu nje ngokuba kusi tshiwo nasezibhalweni. Maka botshelelwe nelityelokusila lowomntu osuke akubekise omnye wezjntsana ze Nkosi aze antywiliswe elwandle.

Si swele amazwi okumbulela u Rev. J. D. Don ngoku buzamela kangaka ubulungisa bomteto we Nkosazana, noka Tixo *{Ungabulali)* ngokumane adutyulwe omnyama noko engenatyala. (Imbike ipasi ngokusuka ibu pelise ubomi bomntu!

UMCIMBI KA PELSER.

Aqalile amagqweta amacala omabini ukwaneka inyaniso zamangqina pambi kwe Jaji ne Juri. Kuqale u Mr. Maasdorp ote; Matyala, Senivile ukuba ummangalelwa ubekwe ityala lokuhluta isimilo somnye ngokusuka abhalele epepeni eliyi *Cape Mercury* unangoku usati amazwi awabhalileyo ayinyaniso, usati u Pelser umbulele u Zekariya ngapandle kwisizatu. Ukuba nite okunene n Pelser unetyala, into ebitetwa ipelile. Niwabonile amangqina ate u Pelser ubulele, enditi mabe niqondile nani ukuba ubungqina bawo bubuxoki. Ndoka ndinanekele inyaniso. Ingqina lokuqala elibiziweyo ngu Felskuni obesebenza namadoda amatatu ango Swaartbooi, Peters, no Ntloyiya. Uti ute akufika kubo u Zekariya bateta naye weza kubo u Swaartbooi waxoxa kancinane nabo wabuya wagqita. Kutiwa u Felskuni no Swaartbooi babe bodwa bobabini; wafika ke u Zekariya wabulisa kodwa, sibuye sive ukuba akaxoxanga: Lento ibonakala njenge yelenqe labababantu no Peters. Uti u Peters u Swaartbooi nabanye babeteta ixesha lesiqinga seyure, lamabakala makulu. Lamadoda ngokutsho kwawo abonakala ukuba ebekangele yonke into ehlayo ngapandle komsebenzi wawo. Bonke bayalusile lendoda xa icanda ifama, kodwa pambi ko mantyi u Fisher no Felskuni ababanga nenteto Ngumangaliso ukuba namhla u Zekariya awatsale kangaka amehlo abantu. Babonile xa afikayo kuye u Pelser mganyana, bambonile xa abuyayo ngapandle kwenkatazo xa anqandwayo ngu Pelser, ukuba kunjalo, yintonina engaba yabanga ukuba u Pelser amdubule ngalendlela? U Pelser uti into awayeya kumtintelela yona kwakukukuba amnqande aze amdle isheleni ezimbini, kodwa emva koko ugqibe kwelokuba ayekubiza amapolisa, into ayenzileyo ke pambi kokuba aye. kumbamba. U Mr. Maasdorp apa ufunde umteto owavumelayo amafama ukuba ambambe umntu xa ahamba emhlabeni wawo. Ke, yiyo leyo ke into awayemputuma ngayo u Pelser. Yinto enokwenzeka na ukuba amdubule pantsi kwezi meko? Make siqwalasele inyaniso zamagqira, ndiyaknkubonisa uku. ngabinto kwenyaniso zawo. Amangqina antsundu ati u Zekariya way eham ba pambi kwehashe kanye ukudutyulwa kwake u Dr. Greathead uti inxeba lolohlobo ngelalingabangako ukuba umntu wayepambi kwehashe. Mandinikumbuze ukuba kumatyala oluhlobo ngumsebenzi wondimangele ukwalata ityala, angazanelisi ngokuti ukuba bekuteni ngekungatangani. U Pelser no Zekariya babehamba begxeleshene. Ke sekutiwe umntu odutyulwe emqolo uwa ngomhlana; ngeyayisinge kulipini icala intloko? Ukufunyanwa kwawo umzimba intloko yayalate emantlanentshonalanga. Ati amagqira intloko ngeyayibeka emantlanempumalanga. U Pelser uti ubetwe ngu Zekariya amaxesha amatatu, ubeselepinda. Lentonga yentsimbi yayipatelwe ukubulala kanye. Amangqina antsundu ngokuti kwawo umntu lowo wayengayipete lentonga yentsimbi abanga ukuba ubungqina bawo bungakoleki. Nizikangele zonke ke ezinyaniso ndiyatemba ukuba noti akubonakali ukuba u Pelser ubulele ngabom, kuko amasolotya kubungqina babantsundu ngango. hlobo loknba ningabamukeli kanye. Lento bahlangene ngayo ukuba baze bati u Pelser ufumane wamdubula u Zekariya. U Pelser ekatsho ukuti yonke into ayitetayo injengoko yehlayo, kodwa ute xa abezinqandela ihlahla yapuma imbumbulu kodwa ngapambi kokuba adubule yena. Ke ngendawo yokuba kusitiwa u Mr. Don ubenelungelo lokubhala ngohlobo abhale ngalo, lencwadi ibhalwe isekwe pezu kwenteto eyabonakala kwi *Cape Mer. cury* yo March 24, 1885. Lonteto iqala ngokuti abanye bati kungokuba u Rulumeni (lo wo Shambuluka) exaswe nga Mabhulu lento eli Bhulu lingasiwanga pambi kwamatyala. Yiyo lento ke ekutiwa nbenelungelo uku yibhala. Kwinteto yepepa indawo ezitile ezibonisa ukuba msulwa kuka Pelser azingeniswanga. Zinteto ezinjeke asuke waseleziginya u Mr. Don. Uti ke u Pelser wayekwa kuba eli lizwe lepetwe nga Mabhulu no Pelser elilo nokuba ukuba lento ibihle e Qonce nge ngasindanga. Yiyo leyona ke indlela yokuquba into zasesikweni? Abanye bati u Rulumeni ngezipikisile ezinteto ukuba zibe. zingenjalo. Yiyo lonto na efanelekileyo ukuba makati u Rulumeni akutetelwakakuba aselebalekela emapepeni ukuya kuzihlamba. Asinto ingenziwa nalilipina inene leyo. Mr. Don usuke wazilibala xa agxwagxusha u Pelser no Rulumeni. Nantsi into emaniyipendule, yayiyinteto engabhekisel wa kokwe- nziwayona le nakugqweta le nkosazana? U Mr. Don wayenokwalata into ayibonayo nkuba isisipene kodwa yayingendawo yake ukuti kokutile nokutile okubange imposiso. (Ijaji ite into epambi kwabo asinteto ye *Cape Mercury* ingeyiyo nento eyabhekiswe ku Rulumeni naku Gqweta le Nkosazana, kodwa yileyo ibhekiswe ku Pelser) uqube wati u Mr. Maasdorp umbhali walencwadi akazanelisi ngokuti u Pelser ngebekwe pambi kwamatyala kodwa uti ungumbulali. Yinteto enje ke ebonisa ukuba wayefunu ukumenzakalisa u Pelser.

Ulandele u Mr. Solomon ngakwicala lika Mr. Don wati. U Mr. Maasdorp wenze inteto ekulivuleni kwake elityala ebete yandimangalisa. Ute emva kocedululo lwemantyi e Bekesdorp lomcimbi ngeungabuyanga wa. viwa mntu kodwa ngenxa yamapike abobantu ukulaula. Uti abantu bangateta ngebambiso ye Jaji ne Juri kodwa mabangateti. Into nga Magqweta e Nkosazana. Ndiyatemba ukuba abantu belilizwe abasakuyeka ukuzivavanya izeuzo za Magqweta e Nkoaazana. Yinto elungileyo ukuba u Rulumeni azi ukuba uluntu luyazibona ezizinto nokuba abasakufumane bakuyeke ukubulawa kuka Zekariya kufumane kugqutyelwe ngotuli. Imfanelo iugeze yenziwe xa abantu beyakuzidukiaela into zoluhlobo. U Pelser ubengazanga wa- cinga ukuba yotike into eyehlayo ingeza pambi kwamadoda akanyiselweyo angamangesi na- kuba ebefuna ukutshonisa u Mr. Don. Sisihomo esikulu ku Mr. Don kuba etanda imfanelo ukuba ete lento akavurna ukuba ingcwatywe, yanekiwe ivelise ukuba kwe- nziwe amanyala enditembayo ukuba akasoza abuye abeko. Ngubanina lo ubekwe ityala? Yindoda ekunjulelwe kunene, ingekweli lizwe kupela kodwa nakwelo yavela kulo yiyo namhla emi pambi kwenu iyetyoliweyo kuba isuke ngokalipo nangentliziyo emhlope yateta izinto ebeziseziswini zento eninzi yabantu beli lizwe. Elityala likulu lijongiwe ngaba.

ntu abaninzi bengakangele kupela kwin yokuba u Mr: Don unetyala na nokuba ak nalo. Nditi mna u Mr. Don umele ica lesiko nokuzola nemfanelo kule Koloni. Mr. Maasdorp wenze inqaku elibhekisele ekulahlekelweni kwamafama ngenxa yam sela amnyama. Kodwa akubangako nesi- bezo eli elivele ku Pelser lokuba u Zekariya ubeyekuba. Yayingumfo ondilekileyo ongonanga nto ka bani, engumntu wase sikolweni Yindoda eyayixolile iwuyekile umzimba yayiteta nabamnye abamnyama ababesebenza kuloliwe, yasuka yaya emzini ka Pelser ekwehleni yateta naye. Elinye inqaku endilini ngodano lelo lokuti u Mr. Don ungumfundisi omana ukungena nakwimicimbi yolaula Lento ndiyayikanyela. Ungumfundisi ophambili kubafundisi base Skotilane. Akatwanamapike amadoda angxamele ukupata imicimbi yakwa Rulumeni. Indawo ezambanga ukude abhale zezo zinokubangela nantonina ontliziyo ihlambululekileyo, ndivavuya ukuba kuko indoda ebenobuganga bokubuza into enjengale. Anisokuza nibene abantu abamtobeleyo u Rulumeni abantu beli lizwe nide nibonise ukuba owenn umgudu ngowokubenzela imfanelo ngapandle kwekete. Njengokuba kunjalo e India makube njalo nalapa umteto womnyama nomhlope maube- mnye. Lomcimbi msani ukudibanisa: nowokulahlekelwa kuka Pelser zimpahla.

Wukangeleni banzi. Incwadi ka Mr. Don yebilungile ukuba ibhalwe. Inteto yayo iyinyaniso.

Amatyala ayakunityela ukuba amazwi alencwadi ka Mr. Don ayinyaniso nokuba ayefanelwe ukuba ashicilelwe, akuko tyala ku Mr. Don. Kuyimfanelo yomzi wonke ukuba amapepa endaba angafakwa siziba emlonyeni, ukuba niyakolwa ukuba incwadi le yabhalwa ibhalelwa uncedo Iwabantu beli lizwe kungumsebenzi wenu ukumkulula u Mr. Don.

Akuko matanda ukuba ubhale ngokuqutywa ngumpefumlo wake kuugeko moya wokunga angenzakalisa eli iqela neliya. Indawo abeyingxamele ibikukwalata okungengasiko obekwenziwe. Ndoka ndinifundele incwadi yobuciko yomfundisi. Egqibile uku. yifunda u Mr. Solomon uhambise wati. La ngamazwi asuka emxhelweni wendoda efuna kwenziwe onkuyimfanelo kodwa, kungeko nanye indoda apo e Jurini engati kuko nto yimbi ebisekeleziwe ekubhalweni kwawo. Selete u Mr. Maasdorp umntu ebeyalate kuye lencwadi ngu Rulumeni, ngoko ke esiti u Rulumeni ngohatnbisa okungengasiko kodwa u Mr. Don ubenendawo ezimbangele ukuba ati u Rulumeni ubesekeleze into zake ngokuti u Pelser angamzisi ngapambili kwe Jaji ne Juri:

Kaniyikangele inteto ka Pelser pambi kwemantyi, niyifunda akucacilena kuni ukuba u Zekariya wagwintwa? Ningati mhlaimbi wayengagxamele kumbulala. Lonto ayisusi kuteta kuka Mr. Don. Inteto ka Mr. Don isekwe kokwenzeka pambi komantyi. Kumhlope ukuba u Pelser wafumana wamfisa u Zekariya-, ebulewe umntu, umteto uti umbulali ungumbulali ade abe uboniswe ukuba akanguye. Into eyayifuneka kwakukukuba u Pelser abonise ukuba umbulele ngengozi nokuba umbulele kuba ubenzakali. siwe. Inteto ka Pelser ku Mr: Harmsworth ibe yenye kunaleyo wayenzayo ku Williams e Bekesdorp. Lonke ixesha ubesiti wayeti makamdubule engalweni, kodwa ute lakufunyanwa emhlana inxeba, utndubule ngengozi engekabambi: U Mr. Don akafumana. nga nenye inyaniso evumela inteto ka Pelser. Kwangenteto yake u Pelser unetyala. Uti ihashe la jika, kodwa u Zekariya wayehamba ngenyawo; make nditi okunene u Zekariya akavumanga ukuhamba, wayengaya kubiza izicaka zake ukuba zize kumnceda. Wayenokumdubula ukuba kwakungeko tuba loku. sinda, kodwa u Pelser ngokwake ute wayenako ukuzisindisa. Unetyala ke ngoko yonke inyaniso yalata ukuba unetyala lokubulala. Ninokukolwa na yinto yokuba ibingati indoda endileke njengale iguqukele indoda epete i pistoli iyibete ngentongana eyeyek njenagleyo?Nawapina amadoda asitoba ebengati u Zekariya wayengeze ayenze into enjalo. U Mr Don wafunda nobungqina begqirha obubonisa ukuba imbhumbhulu yadutyulwa ngumntu owayengemva owayemganyana komnye. Wayefanele ke u Mr Don ukuti u Pelser wabulala. Nivile kwakona uba uPelser endaweni
yokutabata isabokwe waputuma ipistoli, akacelanga nezicaka zake ukuba ziye kumnceda. lento ibonisa wayeselegqibe kwelokuba ayekumbulala kanye. Amangqina ako akubonileyo oku, ati uPelser wayengemva
umfi akakange ale ukuhamba. Ndiyanicela niyixele into nokuba inye kwinteto ezaziko pambi ko mantyi ebonisayo ukuba lamadoda ayaxoka Lamadoda angamangqina ati u Zekariya wayengapete nto ukudlula kwake kuwo.
Abanye bati wayeyipete kodwa abantu abati.
wayepete intsimbi ngabahlobo baka Pelser bonke. Abababhlobo baka Pelser babesesandeni babemganyana ku Zekariya bengenakuyibona kakuhle into egama kangako. Inyaniso zika Swaartbooi bezanele ukubonisa
ukuba u Pelser ungumbulali. Zonke izintio zibonisa ukuba u Mr Don akanatyala. Yintonina eyenziwe ngu Pelser emva kokubulala? Usishiyile esa sialam asidubuleyo wagitshima waya ku mantyi ukuba azothi "Ndizixele ngokwam." Kwayona lonto ke yodwa ukuba u Pelser embele isinqe endaweni yokunceda lowo amdubuleyo yalata ukuba ungumbulali. Ningati mhlaimbi amazwi ka Mr. Don ayebukali.ayebukali. U Mr Don ngumfundisi we Gospeli engacakucezi bala pakati ko mhlope nomnyama ningamangaliswana ke kukuba atete ngobukali. Nimbonile u Pelser ebokisini yamangqina, nilubonile uhlobo apendule ngalo woyiswe kanye kukubonisa ukuba ubezikusela xa ebulawa ngu Zekariya, emanibe ke nanelisiwe kukuba umbulele ngapandle kwesizatu. Eli lityala elikulu kunene. Lonke eli lizwe londele kuni kwanabantu base Ngilane. Ndiqinisekile ukuba nigwebele u Mr Don abantu belilizwe bayakunibulalela bangaze banibale niyakuti nani ngeminyaka ezayo nive ukuba nenza eyona nto ilungileyo. Amadoda akanyiselweyo asitoba
anjengani akangeke ati
u Mr. Don unetyala. Ndimele apa imfanelo yodwa xa ndimele u Mr Don ndimele ukuba imfanelo yenziwe ko mhlope nako mnyama.

Ijaji izaneke zonke inyaniso yenza inteto ende. Imke iyure ezimbini i juri yabuya nelokuba "Akanatyala

Ibhekisa ku Rev. J. D. Don ite ijaji Mr Don, ukululekile, abamangaleli bako boyisi- we, makube kuyolile kuwe ukuba usazi ukuba oko ubukumele kuxhasiwe

Udume kwalapi umhlaumbi uvuya uncoma u Mr. Don, kude kwasesitratweni.

Transkei.

[IVELA KUMBHALELI WETU.]

November 5, 1885.

Ngolwesi - Bini pambi kwemantyi yenu u Captain Blyth, C.M.G., imantyi nenkosi zabantsundu namapakati zaze Kufundwe ipepa elivela ku Rulumeni eliti linomteto wesihlanu oti: Impi ezinkulu, nezincinane, namapakati, ayunyelwa ukutenga utywala bomigu ezinkantini ezizakubako pesheya kwe Nciba. Izizwe ezintsundu zilile ngenteto eti: iyawayintoninaesilandelwa ngo ngotywala, noba Maxosa sebonakalise nje. Kuyakuba njanina mbla kufika obu, okunye u Rulumeni selebhale amaqela awayakutenga bona. Ubeve kuwa bufunwa ngubanina apa utywala. Masendisiti yonke inteto iqukumbele kweliti: siyabongoza ku Rulumente nokuba angaba ufuna ukusitshabalalisa sipelelwe bubuntu betu, makangasitshabalalisi ngalamanzi abutywala bomlungu. Atsho amadoda antsundu, ateta ngosizi ati kodwa lomntu ute ukusifela usizi singamcelanga, ngubanina? Elona likulu uti umhlambi ontsundu pesheya kwe Nciba, yenza ngemfefe zako Rulumente usipulapule, uwuguqule lomteto wesihlanu, singatshabalali uqinisiwe. Lenteto yonke iposwe ngumhlambi wonke, ukuba mantyi omkulu u Capt. Blyth abhale incwadi ukubongoza Umhlekazi ngalendawo ubayiswe ngomva lomteto ukuba makuwele utywala.

Kambe xa sixela inyaniso lento yomnta ka Mabandla ibuhlungu kuti bantsundu. Umntu olitemba labantsundu ngoku ngu Mr. De Wet; xa kubulala yena ngapandle kwesizatu, kuya kusiza banina? Abantu abambalwa endibavileyo botukile ngalempato ka Mr. De Wet ngo Mbovane odlelw' indlala, ukuba kuyakuba kupela oku, masicacise ukuba kuyakonakala uluvo oluhle obeluke ngo Mr. De Wet pakati kwabantsundu.

Kuko imbambano mhlaimbi inteto epakati kwesibonda into ka Zazela u Headman Solomon no Mr. P. H. Pottor, wase Tyinira ngakwa Msesane, ngokusuka ake utango locingo oluzi akile ezintandatu, ate akulubuzwa yinkosi yomhlaba u Headman Zazela, asuke ati ukupendula mna ndipiwe yimantyi u Mr. Thos. King ote ndobiyela umhlaba ozi akile ezilishumi. Ndigqibe, basene emantyini ngalonto; kungakukuti nqa ukuba umhlaba usikelwe ivenkile, kanti nabaniniwo bayafuna besikelwe akuvunywa.

Bekuyawangene amasela efameni ka Capt. Veldtman, bati ababalisi kuvuke isicaka u Jara, nabatana bawasukela, elinye labanjwa kulamzi ka Chas. Veldtman ngumntu wake ongu Booi. Igama lalo Mgcaleka wakwa Mapasa ngu Temele omnye wamapakati amakulu ka Mapasa, asazi ukuba boda banqunyulwe indlebe ninina. No Nkunzana lo engumpakati omkulu nje apo, wati mhla kwafunzwa Engunduza Emsintsana nga Magealeka lamini emva kwemfazwe ka Rili nguye. lo owarazula itente yamavolontiya amhlope. Sizakuwaxelela ukuba ulapo wena mntu wawulwa nawo. Yekani impahla zabanye mpindini.

Kwelihlati lipantsi ko Mapasa e Tutura kute kulandwa inkomo ezibiwe ebusuku kwesika Hlangani, kwafikwa izisele zizele ngamatambo enkomo zabantu, ingaga nempondo, namatambo enkomo kuzele kulemingxuma. Kute entetWeni yama- sela kwabonakala ukuba unyana omkulu ka Mapasa udibene nalento. Yamgweba imantyi ukuba abe setolongweni nokuba azikupe ngenkomo, fan' ukuba zine. Nqumla indlebe mfo ka Buru nantso into eyakuhlaza igama lako, sewuyakukohlwa nokuteta ngoku.

Lento yotywala itetwe kakulu e Gcuwa siyatemba ukuba u Sprigg uyakuyibuyisa ngomva. Into mna endinga ingenzeka ukuze aqonde u Mr. De Wet ngati kungati ukuze aqonde, ati makuselwe mhla akoyo yena apa, zeke siqonde ukuba angahle ayiqubena intlanganiso, ku- mhla angaqondayo naye ukuba ibulanti: ayenzelwanga mntu mnyama.

Sibulele kunene ngokubhala kwako epepeni lako ngabo utywala; siya siqonda ukuba yindoda yamadoda elipepa *Imvo.* Ingene kwinene ebesizicinga, nokuya singenabuciko bokuzitsho. Enye into nina bantu bawaziyo umteto wokucandelwa kwevenkile kweli lase Mamfengwini kanipose izwi, ivenkile zingxamile ukufumana ishumi le akile, abe ke yena umantyi u King selebanikile abakowabo abelungu. Ityala uligwebe ngezituko ezibi wati: niba umntu omhlope wosoloko epetwe nini? niyaxoka! ngoku kungoku, oko kwakukoko! Watsho wagwebela umlungu. Soka sive kambe Entlambe, lemantyi u Mr. King izigwebo zayo zirorelwa kakulu ngabantu. sigwebo pezu konyana ka Mona; umfi u Mona wazala abantwana abasixenxe, wamnye oyinkwenkwe, loke ugwetywayo; ke kute mhla u Mona wabuba wabi- za amadoda amatandatu kunye nenkosi yakona u Maxegwana, wayolela ngeliti: kupela konyana warn lo, ngendawo yokuba esemncinane ndicela lamadoda matandatu ukuze abe liliso kwezimpahla ukuze azinikele kuye akukula. Namhla kubanga unyana womninawa ka Mona, selengene eqingeni eliti ngowesisu. Suka u King, kuba kuxabene no Headman Maxegwana, akuti umfana ingqina lam ngu xhegana, wabizwa ute akuma wati ityazi ukuba uyawazakuxoka xoki ndini, yitsho sive obubuxoki bako, ute akutera, wati umantyi uyabonake benditshilo; waligweba umfo ka King.

Kuko ityala elibhenele Entlambe, beli- gwetywe yimantyi vase Ngqainakwe u Mr. T. King, waligweba engabuzanga nomteto wendlela yalo nase zinkosini, ngonyana womti u Mona. Kutiwa makangandli lifa kuba engowerexe, asuke agwebe ke yena u King. Asazi nokuba lo King uzalana notshaba Iuka Mabandla sinina. Yena umntwana ngunyaua ka Mona.

Naye lo King wase Mamfengweni usa- gwebe u Xala Zazela, ngendlela yokuti u Mr. Pottor abiyele umhlaba ozi akile ezintandatu ati akayivumeli lento, suka baposane emantyini ku King, ati ukugweba kwake niqelile, Maxosa, niba kuseleliya xesha benisiti kumlungu zisa okuya nenze ngentando yenu. Libhenele Entlambe nelo.

Ukuteta okukulu kwe *Sigidimi* okubhekisa ku Mamfengu, siyakuva.

Imvula inile apa e Gcuwa nge Cawa ye 15 November. Inkoliso yabantu iti koda kugqitywe ukulinywa, ne Gcuwa linamanzi kakulu.

Indlala yona kutiwa inamandla kakulu ngapa e Mbashe, kulendlela isinga e Mtata, sebebaninzi ekuke kutiwe bawile, suke bancedwe kukwenzelwa isidudwana esishushwana, asuke apile umntu.

Umfo ka Stanford yimantyi yenene madoda! Ute akuqonda ukuba kunzima kwesi sake isiqingata, wati mabati abantu abasebenza indlela bapume kuzo zonke inkosi, inkosi ikupe isihlanu sabantu ukuze ekupeleni kwenyanga umntu amnkele ingxowa yokutya, ngokuba umntu angezabasayifumana ngoku ingxowa ngomamnkelo wenyanga enye.

Okunye u Mr. Stanford utenga ukutya ezindaweni, abati ku Mamfengu abaneli £1 6s bafumane ingxowa yembewu izele, kanti ezivenkileni yi *£2* 10s engati itshipu. Ngaba ke abanumzana abafanele ukuhlala pakati kohlanga Iwetu.

ABALIMI NA BARWEBI.

E-MARKENI.

E.QONCE (December 1).

Ihabile, 1/3 to 3/9 ngekulu Itapile,
9d to 5/ ngesishuqulu Umbona,
15/ ngekulu
Amazimba, 9/ ngekulu Irasi, 3/ to
4/3 ngekulu
Imbotyi, 12/ to 20/ ngekulu
Inkuni, 9/ to 25/ ngeflara

E-KOMANI (December 1).

Umbona, 10/ to 12/6 ngekulu
Irasi, 9/ to 11/ ngenxowa Ibabile,
2/9 to 4/3 ngekulu Itapile, 7/ to
14/ ngenxowa Umgubo, 13/ to
15/ ngekulu Inkuni, 20/ to 40/
ngeflara

E-ALVANI (November 27). Irasi, 11/ to 12/6 ngenxowa

Do. eluhlaza, Id to 4d ngesitungu Ibabile, 2/6 to 4/ ngekulu Inkuni, 19/ to 25/ ngeflara Umbona, 18/ to 20/ ngenxowa Umgubo, 26/ ngenxowa Itapile, 14/6 to 15/6 ngenxowa

WEDNESDAY, DEC. 2, 1885.

ADMINISTRATION OF JUSTICE.

